
#nalibaliwrad2024



# USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi

## kunye noNal'ibali



Joyina amawaka abathathi-nxaxheba njengoko sifunda ibali lethu elikhethekileyo ngokuvakalayo ebantwaneni abaninzi ngokunokwenzeka ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, olungowesi-7 **kuFebruwari 2024** – nayo yonke imihla – uze ube yinxalenye yokuphucula ukufunda nokubhala eMzantsi Afrika! Ibali lethu elikhethekileyo elithi, *Intshontsho lekati elilahlekileyo,* libhalwe nguStacey Fru yaza imizobo yazotywa nguRico. Eli bali liyafumaneka ngazo zoli-11 iilwimi zaseMzantsi Afrika ezisemthethweni. Unokulifunda ibali ngokuvakalayo ebantwaneni abaneminyaka emi-6 nangaphezulu. Kubantwana abancinci, sebenzisa ikhadi lebali **leminyaka yokuqala loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.**

### Lungiselela ukufunda ngokuvakalayo

- Lazi kakuhle eli bali ukuze ukwazi ukulibalisa okanye ukulifunda ngokuvakalayo ngendlela yakho.
- Cinga ngokuba unokulenza njani ibali liphile. Gqiba ukuba zeziphi izimbo zobuso nezomzimba ofuna ukuzisebenzisa xa ubalisa eli bali.
- Khetha ixesha losuku lokwabelana ngebali xa usapho lwakho lukunye.
- Fumana iindawo ebalini apho abantwana bengajoyina khona, ngokomzekelo, bangenza izandi ezenziwa lintshontsho lekati nayinja.
- Ziqhelanise nokulibalisa okanye ukulifunda ngokuvakalayo eli bali.



### Ngaphambi kokuba ufunde eli bali ngokuvakalayo

- Funda umxholo webali. Buza abantwana ukuba bacinga ukuba lingantoni eli bali.
- Buza imibuzo eza kubanceda baqonde iingcinga neemvakalelo zabantu ekuthethwa ngabo ebalini.

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ngaba wena okanye omnye umntu unesilwanyana sasekhaya? Ubuya kuziva njani ukuba eso silwanyana sasekhaya besingalahleka? Ubungenza ntoni ukuze uzame ukuphinda usifumane isilwanyana sasekhaya esilahlekileyo? Ubungaziva njani xa uphinda usifumana kwakhona?



### Ngexa ufunda ngokuvakalayo

- Njengoko ufunda ibali, buza abantwana imibuzo ngalo. *"Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni ngoku?"* ngumbuzo omhle kakhulu ophuhlisa ubuchule babantwana bokuqikelela, obubaluleke kakhulu ekufundeni ukulesa nokubhala.
- Mabajoyine ekwenzeni izandi zezilwanyana.





Isithembiso sokufunda kunye njengosapho kolu **Suku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi** – nangayo yonke imihla. Bhalisa ku-**www.nalibali.org** okanye uthumele ngoWhatsApp igama elithi **"WRAD"** ku-**0600 44 22 55**. Usapho ngalunye olubhalisayo luza kuba nethuba lokuzibandakanya nohambo lokufunda losapho loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lukaNal'ibali. Uza kufumana amabali ongezelelekileyo kunye neengcebiso nezimvo zeNal'ibali ngendlela onokufunda ngazo nabantwana bakho kunyaka wonke.

IsiXhosa

# Intshontsho lekati elilahlekileyo

Libhalwe nguStacey Fru ◎ Imizobo izotywe nguRico



NgoLwesihlanu emva kwemini, uNeo noBella babedlala egadini yakuloNeo. UNoodle wayezithele tywa egcakamele ilanga.

Ngequbuliso uNoodle waxhuma waza waqalisa ukukhonkotha. *Hawu, hawu, hawu!*

“Yinton’ ingxaki, Noodle?” wabuza uBella.

Emva koko beva esinye isandi esivela ematyholweni. *Nyawu, nyawu, nyawu!* Kwaphuma intshontsho lekati elincinci elimbala ujinja etyholweni. UBella wabaleka waya kulo walifunqula ngobunono. “Khawujonge ubuso balo obufukufuku buyathandeka,” watsho ebonisa uNeo.



“Linekhola entle eblowu entanyeni yalo,” watsho uNeo.

NoNoodle wayefuna ukubona, kodwa ukukhonkotha kwakhe kwakuloyikisa elo ntshontsho lekati, ngoko uNeo noBella bangena nalo endlwini.



“Mama noTata jongani! Sifumene intshontsho lekati egadini!” wakhwaza uNeo njengoko babebaleka bengena kwigumbi lokuphumla.

“Sicinga ukuba lilahlekile, kodwa limele ukuba linomntu walo kuba linekhola eblowu entanyeni,” watsho uBella.

UTata wasusa amehlo akhe kwincwadi awayeyifundela uMbali wabajonga. “Kufuneka sikhangele abanini balo. Inoba banexhala lokuba lilahlekile intshontsho labo lekati,” watsho.

“Sekuhlwile ngoku ukuba singabakhangela,” watsho uMama.

“Kodwa ngomso kusasa singenza iipowusta zentshontsho lekati elilahlekileyo size sizixhome. Mhlawumbi umninilo uza kuzibona ezo powusta.”

Xa uMama wayekhapha uBella noNoodle ebagodusa, uNeo wachola ibhokisi yezihlangu nejezi endala awayeza kulondlalela kuzo intshontsho lekati. UTata walipha ukutya waza walinika isitya esikhulu esinamanzi acocekileyo. Kungekudala elo ntshontsho lasitsho sangumpatsiya isisu laza lalala yoyi.



**Ukuze ufumane amabali angakumbi, yiya ku-www.nalibali.org okanye uthumele igama elithi “stories” ngoWhatsApp kwinombolo ethi 0600 44 22 54.**

NgoMgqibelo kusasa, uBella wafika kwangethuba. “Ndize namaphepha neekhrayoni zokwenza iipowusta,” watsho uBella njengoko egona elo ntshontsho lekati.

“Masiqaleni!” watsho uNeo.

Emva kokuba benze iipowusta ezine, uTata wathi, “Ndicing’ ukuba zanele ezi. Masihambeni siyokuzixhoma.”

Baqala baya elayibrari, emva koko baya evenkileni, baza xa besendleleni egodukayo omnye ummelwane wabavumela ukuba baxhome ipowusta egeyitini yakhe. Bashiya ipowusta enye baza bayixhoma kwibhodi yezaziso yesikolo ngoMvulo.



NgoLwesibini emva kwemini, uNeo, uBella, uNoodle nentshontsho lekati babedlala kwigumbi lokuphumla. *Nkqo, nkqo, nkqo!* Kwakukho umntu emnyango.

UNeo wabaleka wayokuvula ucango.

“Ngubani, Neo?” wabuza uBella.

UNoodle wakhonkotha evuya.

Yonke loo ngxolo yaloyikisa intshontsho lekati laza labaleka laya kuzifihla emva kwesofa.

“Oh, molo,” watsho uNeo xa ebona intombazana awayeqala ukuyibona imi emnyango.

“Molo, igama lam nguGina,” yatsho le ntombazana. Yayibonakala inexhala. “Ndibone ipowusta yenu elayibrari. Ndicinga ukuba intshontsho lekati enilicholeyo kungenzeka lelam. Igama lalo nguGinger ibe linekhola eblowu entanyeni yalo.”



Kwathi xhokro entliziyweni kuBella. Wayefuna nyhani ukuligcina eli ntshontsho lekati, kodwa wayesazi ukuba noGina umele ukuba wayenexhala kakhulu ngentshontsho lekati lakhe. “Ngena,” watsho uBella.

Kodwa bathi bakungena kwigumbi lokuphumla, labe lona intshontsho seliphele emehlweni. “Hayini!” watsho uBella. “Ndiyathemba aliphindanga lalahleka kwakhona eli ntshontsho lekati!”

UNeo, uBella noGina bakhangela yonke indawo kwigumbi lokuphumla, kodwa abalifumana ndawo eli ntshontsho lekati. UGina wabonakala edanile.

Emva koko beva uNoodle esekhitshini. *Hawu, hawu!* Emva koko kwalandela isandi esithi *KHELEKENQE!*

Aba bantwana bakhawuleza baya ekhitshini. Nalo lihleli apho intshontsho lekati. Laliye lagila isitya samanzi xa uNoodle elikhonkotha ibe ngoku lalimanzi tixi.



UBella walifunqula waza walosula msinya. Emva koko wanika uGina elo ntshontsho lekati. *Brr, brr, brr.* Intshontsho lekati lavuya nyhani!

"Ginger! Andisakukhumbule,"watsho uGina egona intshontsho lekati lakhe. Naye wayevuya kakhulu. "Enkosi ngokundihoyela yena kangaka, Bella noNeo."

"Ndiyavuya ulifumene intshontsho lekati lakho," watsho uBella. "Kodwa ndikhathazekile kancinci kuba singenakuphinda simbone uGinger kwakhona."

UNeo wajikelisa ingalo yakhe kwigxalaba likaBella. Wayebona ukuba ufuna ukulila.

"Owu, ungabi naxhala!" watsho uGina. "Sihlala kufutshane apha. Ungeza uzokumbona uGinger nanini na ufuna."

Ubuso bukaBella batyhileka. "Enkosi!" watsho. "SinoNeo sibawela ukuza ngomso emva kwemini."

"Kodwa," watsho uNeo, "ndicinga ukuba uNoodle yena umele ashiyeke ekhaya." Ibe wonke umntu wavumelana ukuba licebo elihle elo.




**Emva kokufunda ibali kunye, ncokolani ngento eyenzeke ebalini. Buza imibuzo efuna abantwana bakho baveze izimvo zabo ukuze ubakhuthaze ukuba bacinge kwaye bancokole ngezinto ezidibene nelo bali, ngokomzekelo, "Yeyiphi indawo oyithandayo kweli bali?" Ukuba unabantwana abadadlana, bakhuthaze ukuba baphande ngeentlobo ezahlukeneyo zezilwanyana zasekhaya nangendlela yokuzinyamekela.**

## Yenza ibali linike umdla!

- Zoba umfanekiso weyona ndawo uyithandayo ebalini.
- Kutheni ungazami ukulilinganisa eli bali okanye inxalenye yalo neqela labahlobo bakho okanye nentsapho yakho? Ungade ube nomntu olinganisa uGinger noNoodle. Sebenzisa izenzo, amagama namazwi ukuze ulenze libe mnandi!
- Yenza ipowusta yesilwanyana sakho sasekhaya okanye isilwanyana sasekhaya ongathanda ukuba naso. Zoba umfanekiso weso silwanyana sasekhaya. Bhala okanye ucele umntu akuncede ubhale ukuba singakanani, unjani umbala waso kwaye ngubani igama lesi silwanyana sakho sasekhaya.







Bonisa iifoto neevidiyo zakho nabantwana bakho nisonwabela ibali nezinto ezenziwa ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ku **#nalibaliwrad2024** kumajelo ethu okuncokola!

TheNalibaliChannel
nalibaliSA
@nalibaliSA
@nalibalisa
@nalibalisa
nalibalisa
The Nal'ibali Trust
+27 64 801 5496

**UNal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo. Umbono wethu kukubona uMzantsi Afrika apho wonke umntwana esonwabela ukufunda ibali yonke imihla.**



Nal'ibali
KONKE KUQALA NGEBALI.